

SA EXAM PAPERS This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS
SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal



You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



**SA EXAM
PAPERS**

SA EXAM PAPERS

Proudly South African



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NKANGA 2025

SIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 80

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-14.



Esi sikhokelo sokumakisha masisetyenziswe kunye neerubrikhi ezisukela kwiphepha le-12 ukuya kwele-14 lesi sikhokelo.

ICANDELO A: ISINCOKO

Imiyalelo yokumakisha

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabaviwa. Imixholo abanokubhala phantsi kwayo kwisincoko ngasinye ihambelana nombuzwana ngamnye. Umviwa otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe apheleleyo.
- Isincoko masibe namagama ali-150–180 ubude. (Umxholo kuphela). Mawangabalwa amagama esihloko xa kubalwa amagama.
- Makangohlwaywa umviwa obhale isincoko esilolunye udidi ngaphandle kwesibalisayo/esichazayo.
- Sebenzisa irubrikhi yeCandelo A enamanqaku angama-40 ukumakisha izincoko.



UMBUZO 1

1.1

Isihloko:	Ndafunda izinto ezininzi ngaloo mini
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Inkcaza ngale mini nezinto awathi wazifunda. • Angabalisa ngokwenzekayo ngale mini athetha ngayo. • Angabalula okuhle okanye okubi okwathi kwenzeka ngale mini. • Angachaphazela amava neemvakalelo zakhe ngokwathi kwenzeka. • Angachaza umahluko owenziwa yile mini ebomini bakhe. <p>(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nale mini.) (Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo isihloko.)</p>	[40]
---------	--	-------------

1.2

Isihloko:	Isikolo sam
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Iinkcukacha ngesikolo sakhe (igama laso, indawo esikuyo.) • Anganika imbali yesi sikolo sakhe. • Angakhankanya izinto ezisenza ukuba isikolo sakhe sibe nomahluko kwezinye izikolo. • Angachaphazela iinkqubo ezenziwa esikolweni sakhe azithandayo. • Angabalula impumelelo yesikolo sakhe nezinye izinto ezintle esidume ngazo. • Angathetha ngezinto azithandayo okanye angazithandiyo ngaso. • Indima edlalwa sisikolo sakhe kuye naseluntwini. <p>(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nesikolo sakhe.) (Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo isihloko.)</p>	[40]
---------	--	-------------



1.3

Isihloko:	Yandincedainja yam!
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Indawo kunye nosuku/iintsuku nokwakuqhubeka (isimo sentlalo). • Anganika iinkcukacha malunga nenja yakhe. • Angaveza ubudlelwane bakhe nayo. • Makuvele okwenzekayo/okwakuza kwenzeka nendlela eyathi yamnceda ngayo. • Makanike iimvakalelo zakhe ngenja yakhe. • Angakhankanya ukubaluleka kwezinja kuluntu. <p>(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nokuncedwa kwakhe yinja yakhe.) (Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo isihloko.)</p>	[40]
---------	---	------

1.4

Isihloko:	Ezemidlalo eMzantsi Afrika
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Angakhankanya iindidi zemidlalo. • Angakhankanya imidlalo ekhoyo, ephambili nenqabileyo eMzantsi Afrika. • Angathetha ngomdlalo omnye okanye eliqela ayithandayo. • Angabalula indima yemidlalo; ukutshintsha ubomi babantu, ukumanya isizwe, njalo-njalo. • Angavakalisa akuthandayo okanye angakuthandiyo ngenkqubo elandelwayo elawula ezemidlalo eMzantsi Afrika. • Anganika iingcebiso malunga nokukhuliswa kwezemidlalo eMzantsi Afrika. <p>(Umviwa angabandakanya naluphi na ulwazi malunga nezemidlalo.) (Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo isihloko.)</p>	[40]
---------	--	------



1.5

Isihloko:	Izinto endizithandayo ngekhaya lam
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • linkcukacha gabalala ngekhaya nokubaluleka kwalo kuye. • Anganika iinkcukacha ngamalungu ekhaya lakhe. • Makakhankanye izinto ezintle nazithandayo ngekhaya lakhe. • Angakhankanya igalelo lekhaya lakhe ebomini bakhe. • Unokuthetha ngobunzima acinga ukuba bufunyanwa ngabo bangenawo amakhaya. • Angachaphazela indlela yokuziphatha njengelungu losapho ekhayeni. <p>(Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo isihloko.)</p>	[40]
---------	---	------

1.6 Umfanekiso

Isihloko:	Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe.
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Angathetha ngezilwanyana gabalala. • Angakhankanya ukubaluleka kokulondolozwa kwezilwanyana njengenxalenye yendalo. • Anganika inkcaza ngesilwanyana ngasinye. • Angakhankanya utyelelo lwakhe kwindawo egcina izilwanyana. • Angathetha ngezilwanyana ezisemngciphekweni wokutshatyalaliswa. • Angakhankanya ukubaluleka kwezi zilwanyana zisemfanekisweni kwicandelo lezokhenketho eMzantsi Afrika. • Angavelela izimvo neenkolelo abanazo abantu ngezilwanyana. <p>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.)</p>	[40]
---------	---	------



1.7 Umfanekiso.

Isihloko:	Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Angathetha ngokunqongophala kwamanzi eMzantsi Afrika nemizekelo yeendawo ezijamelene nengxaki okunqongophala kwamanzi. • Angakhankanya ubunzima obufunyanwa ngabantu ngenxa yokunqongophala kwamanzi. • Angakhankanya iindlela zokulondoloza amanzi kunye neemeko ezidala ukunqongophala kwamanzi. • Anganika amava akhe ngokusetyenziswa kwamanzi kwindawo ahlala kuyo. • Angakhankanya iinkqubo namaphulo karhulumente okuzama ukulwa ukunqongophala kwamanzi. <p>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.)</p>	[40]
---------	---	------



1.8 Umfanekiso.

Isihloko:	Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe.
Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
Ulwimi	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

Umxholo	<p>Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • linkcukacha zokuba ngugqirha njengomnye wemisebenzi enceda uluntu. • Angakhankanya izifundo ezifundwayo noqeqesho olufunekayo ukuze umntu abe ngugqirha. • Angathetha ngendima edlalwa ngoogqirha eluntwini. • Angathetha ngokunqongophala kwamathuba emisebenzi kwabo benze izifundo zobugqirha eMzantsi Afrika. • Angabalula ukunqongophala koogqirha abafundele ukunyanga izigulo ezithile. • Angathetha ngezinto ezimenza awunqwenele/angawunqweneli umsebenzi wokuba ngugqirha. • Angakhankanya amava anawo ngotyelelo lwakhe kwiziko lezempilo. • Angachaphazela ukubaluleka kokuba umntu ayilondoloze impilo yakhe. • Angathetha ngemeko yamaziko ezempilo eMzantsi Afrika. <p>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.)</p>	[40]
---------	---	------

AMANQAKU ECANDELO A: 40



IIMPAWU ZESINCOKO

Isincoko esibalisayo sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.

- Masisebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyi.
- Masibonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekeli/sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

Isincoko esichazayo sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.

- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.



ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Imiyalelo yokumakisha

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabaviwa.
Umviwa otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe apheleleyo.
- Umhlathi omde mawube namagama angama-60–80 ubude. (Umxholo kuphela.)
- Sebenzisa irubrikhi yeCandelo B enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

QAPHELA:

- Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abaviwa bangadlelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

UMBUZO 2

2.1 ILETA YOBUHLOBO

- Idilesi inye, yeyomntu obhala ileta.
- Isibuliso – sesifanelekileyo, ileta eya kumhlobo wakhe.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhalela umhlobo wakhe.
- Umxholo mawube malunga nokubulela umhlobo wakhe ngesipho amthengele sona ngomhla wakhe wokuzalwa.
- Kwisiphelo kubhalwa igama kuphela.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

[20]

2.2 ILETA ESESIKWENI

- Iidilesi zimbini, eyomntu obhalayo nalowo ubhalelwayo.
- Isibuliso – sesisesikweni. Umzekelo: Mhlekezi obekekileyo.
- Umcimbi/umba – xa ubhalwe ngoonobumba abancinci ukrwelelwa umgca.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhala ileta esesikweni.
- Umxholo mawube ngowokukhalazela ukungafumani mpendulo kube kulithuba elide esifakile isicelo sendawo yokufunda.
- Makuvele igama lesifundo anqwenela ukusifunda nezizathu zokusikhetha.
- Isiphelo seseleta esesikweni – igama nefani zibhalwe ngokupheleleyo.
- Ulwimi mawube lolusesikweni.

[20]



2.3 INGXELO EMFUTSHANE

- Makuvele injongo yokubhalwa kwayo.
- Makubekho intshayelelo, isiqu, nesiphelo.
- Mayibhalwe ngokweengongoma.
- Ulwimi, ithoni kunye nerejista mazifanelane nabaphulaphuli.
- Makusetyenziswe ingxelo-ntetho.
- Izihlokwana zamkelekile.
- Umxholo mawube malunga nokhenketho abebeluthathile bengabafundi bebanga le-12.
- Igama lombhali malicace, asayine aze abhale nomhla wokubhalwa kwengxelo.

[20]

2.4 IRIVYU

- Makuvele igama levenkile ethengisa kwi-intanethi ekuthengwe kuyo imveliso.
- Usuku, umhla nendawo ethengwe kuyo imveliso mayixelwe.
- Makuvele igama lemveliso ethengiweyo kule venkile neenkukacha ngayo.
- Umxholo mawube malunga nokwenza ugxeko-ncomo ngemveliso ayithengileyo.
- Angaveza iimvakalelo zakhe ngemveliso leyo.
- Unokuyinika manqaku/unokuyireyitha imveliso leyo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20



ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Imiyalelo yokumakisha

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Umhlathi omfutshane mawube namagama angama-40–60 ubude. (Umxholo kuphela).
- Imifanekiso nemibala esetyenzisiweyo ayinamanqaku.
- Sebenzisa irubriki enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

QAPHELA:

- Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abafundi bangadlelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

UMBUZO 3

3.1 IKHADI LESIMEMO

- Maliyilwe ngobuchule libe nomtsalane.
- Makunikwe ulwazi oluquphayo nolucacileyo.
- Makuvele iinkcukacha zesimemo ezizezi: usuku, umhla, ixesha, indawo, isinxibo nabantu abamenyiweyo.
- Umxholo mawube ngowokumema abazali ukuba baze kubukela umdlalo weqonga.
- Makuvele iinkcukacha ezizezi: indlela yokunxibelelana; imfonomfono/ iselula/i-imeyile/idilesi. Zisenokucela zonke.
- Igama lomntu emakunxityelelwane naye malunga nempendulo malivele. [20]

3.2 UMYALEZO OMFUTSHANE KA-FACEBOOK

- Makuvele igama lomthumeli phezulu kwisikrini sefowuni.
- Makuvele umhla kunye nexesha othunyelwe ngawo umyalezo.
- Umxholo mayibe ngowokuxelela abahlobo bakhe ukuba kutheni eza kuyeka ukusebenzisa u-Facebook. [20]

3.3 IZALATHISI

- Iinkcukacha ngendawo ekusukwa kuyo nekuyiwa kuyo mazicace zingqale.
 - Izalathisi mazinikwe ngeengongoma okanye ngokomhlathi.
 - Izalathisi mazilandelelane.
 - Iimpawu eziqaphelekayo/zokusendleleni nasecaleni kwendlela mazikhankanywe.
 - Makusetyenziswe izenzi eziyalelayo kangangoko.
- [Ukuba umviwa usebenzise enye indlela engeyiyo le yalathiweyo echanekileyo esuka ekhaya ukuya esikolweni, makanikwe amanqaku.] [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80



QAPHELA:

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha isincoko (Iphepha 2, ICANDELO A).
- Amanqaku phakathi kweI-0-40 ahluwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- AmaBINI okuqala kula manqanaba azizahlulo ngokomgangatho ongentla nongezantsi kwaza kwabekwa amanqaku ahambelana nale miganqatho.

IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [40 AMANQAKU]		Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
Ungangatho ongentla		Enobuchule	Phakathi	Bubhetyebhetye
Ungangatho ongezantsi		Enobuchule	Phakathi	Bubhetyebhetye
UMXHOLO NOCWANGCISO -Impendulo (nezimvo) Ukubekela -Izimvo ngenjongo -Izokucwangcisa -Ukubonakalisa -Ukuyazi injongo, -Ukubantu ekujoliswe -Ukubo kunye -Nemeko	22-24 -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindlekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko	18 -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -lingcamango zibekelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	12-16 -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo -lingcamango zibekelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	0-6 -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azigqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye -lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano
	19-21 -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubatasela kubhekele phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -lingcamango zibekelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo	17 -Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla -Sibekelwe ngobuchule, kukho unamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	7-11 -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango	0-6 -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azigqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye -lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano

IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [40 AMANQAKU] (isaghutya)

Ikhrayitheriya	Balaseleyo 10–12	Enobuchule 8–9	Phakathi 6–7	Buthathaka 4–5	Bubhetyebhetye 0–3
ULWIMI, ISIMBO & NOKUHLELA Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo	-Ulwimi lugqwesite nezafoke zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nesokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza injongo zokubhala -lthoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza injongo zokubhala -Zimbalwa ziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo -Sixonxwe ngobugcisa	-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa kunamakhwiniba angephi -lthoni ifanelekile kodwa ubambe isandla ekusebenziseni izafobe zentetho	-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintshwa-tshintshwa -Isigama siqongophele ngokubalaseleyo	-Ulwimi aluvakali -Ukunqongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo
12 AMANQAKU ISAKHIWO Impawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi	4 -Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqsiswa ngokugqwesileyo	3 -linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelana -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zifhantshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo	2 -linkcukacha ezisemxholweni zikhulisiwe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	1 -Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	0 -lingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
14 AMANQAKU UMIMANDLA WAMANQAKU	33–40	28–30	20–25	12–17	0–9



IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE NEMIFUTSHANE – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
UMXHOLO , UCWANGCISO NEFOMATHI Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo nenjongo yokuwangcisa injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, impawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko	10–12 -Impendulo igqwesile ibonisa ukuqoqiswisa kwezimvo -Lizimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Umsebenzi unqalile akukho kugqwidiza -Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -lfomathi ifanelekile kwaye ichanekile	8–9 -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Lizimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -Iinkcukacha zixhasa isihloko -lfomathi ingqalile indawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyphezamiseli injongo yokubhala	6–7 -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Lizimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo. Kwenzeka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -lfomathi ingqalile kodwa zikho indawana ezingachanekanga	4–5 -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili iyeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi	0–3 -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho Intsingiselo iduke kwisakhiwo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHFLELA -lthoni, irejista, isimbo, nenjongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Uchongo magama limpawu zokubhala kunye nopelo	7–8 -lthoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	5–6 -lthoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becala azikho iimpazamo	4 -lthoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyphezamiseli intsingiselo	3 -lthoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisela umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagangxi- gingxi kwintsingiselo	0–2 -lthoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele zimfazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekile kakhulu
8 AMANQAKU	17–20	13–15	10–11	7–8	0–5
UMMANDLA WAMANQAKU					

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

